# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISIPHAKAMISO SOKULUNGISWA KWEMIDA ENGAMABHUNGANA

**UMthetho oluyilo ubonelela ngesiphakamiso esingemida emitsha ngokujoliswe kumabhungana angamashumi amabini (20) neeklasta ezibandakanyeka kwiiwadi ukuze zenze amabhungana amatsha. IBhunga lithathele ingqalelo imida emitsha engamabhungana ngenjongo yokuba:**

1. Kwenzeke kangangoko intsebenziswano engamandla kunikezelo lwenkonzo ngokunxulumene nemida yamabhungana apho kungqinelana nemimandla yamacandelo amasebe angonikezelo lwenkonzo;
2. Kulungelelaniswe ngokutsha imida yamabuungana ngokuthi kucuthwe inani lawo ukususela kumabhungana angama21 ukuba libengama20;
3. Kusetyenziswe ngobulumko izimali kwaye kwenziwe igalelo elincomekayo kumanyathelo angqongqo olwabiwomali ngokuthi kucuthwe iindleko zolwabiwomali zebhungana elinye elo lirhoxisiweyo.

Isaziso ke ngoko sikhutshwa ngokwecandelo 21 loMthetho ongobuRhulumente bommandla ongeeNkqubo zolawulo lukaMasipala onguNomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo okanye iziphakamiso ukususela ngowe9 ukuya kowama30 kweyeKhala (Julayi) 2024.

**Izimvo, izilungiso okanye izindululo zingangeniswa:**

- Nge-imeyile: Public.Participation@capetown. gov.za
- Kwikhonkco lobuchwepheshe:
- Ngokwakho: Kwiiofisi zamabhungana

Abo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo baphila ngokukhubazeka nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo, kufuneka bafowunele inombolo yomnxeba engahlawulelwayo engu0800 212 176 ukuze kufumaneke izimvo zabo kwiSixeko ukuba zirekhodishwe ngokufanelekileyo.

**Ikopi yalo mthetho kamasipala uluyilo, iyakuthi ifumaneke ukuba iphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa:** www.capetown.gov.za/haveyoursay, kwiiofisi zamabhungana nakwizakhiwo zeSixeko zamathala eencwadi.

**Qhagamshelana noKeith Miller (ongeeNkonzo zeZiko) kwa 021 400 2285 okanye kwa subcouncils.support@capetown.gov.za ukuze ubuze ngokuthe xhaxhe.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA83/2024

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.